URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Bronwyn Calvert
ICandelo loLawulo lweeMviwo
Bronwyn.Calvert@westerncape.gov.za | 021 467 2994

Inombolo yefayili: 20/3/P
Isalathiso: 20241114-8436

INgcaciso eMfutshane yoLawulo lweeMviwo: 0008/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

ISihloko: Imigaqo yolawulo lwePhepha 2 loMculo (*Music Paper* 2 (P2)) (*Comprehension*) kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zango-Oktobha/Novemba 2024

1. Uviwo lwe-*Music* P2 (*Comprehension*) luya kubhalwa **nge-26 Novemba 2024**. Amaphepha emibuzo aya kuthunyelwa kwiveki ye-21 Novemba 2024 yaye aya kuhamba ne-*music compact disc* (*CD*) equlethe ii-*tracks* ezahlukeneyo.

2. I-*CD* yomculo iya <u>kupakishwa ngokwahlukeneyo</u> kwiphepha lemibuzo ngaphakathi kwimvulophu enesikhuselo (*padded envelope*) yaye emva koko ipakishwe ngaphakathi kwiibhokisi zekhadibhodi ezibrawuni eziqulethe iingxowa ezizii-*black canvas bags.*

3. Iibhokisi zekhadibhodi ezibrawuni mazivulwe <u>ngokukhawuleza</u> zakufunyanwa kwi-ofisi yomphathi wendawo egcina imathiriyeli yoviwo okanye kwindawo ekhuselekileyo, ukulungiselela ukungqinisiswa komthwalo.

4. Iingxowa ezizii-*black canvas bags* zeseshoni, eziqulethe amaphepha emibuzo, ezihamba nemvulophu enesikhuselo, mazigcinwe ke ngoko ngokukhawuleza kwisefu/kwigumbi elinqatyisiweyo.

5. Yakuba ifunyenwe i-*CD* yomculo, mayivavanywe phambi koviwo lomhla we-**26 Novemba 2024**. Utitshala wesifundo soMculo makayivavanye i-*CD* yomculo, kwisixhobo somculo *(sound equipment)* esiya kusetyenziswa ngethuba loviwo kukho nomgadi wabaviwa. I-*track* nganye mayivavanywe. Ukuba i-*CD* yomculo inesiphene, **kucelwa udibane noNks B Calvert ngokukhawuleza kule nombolo yefoni 021 467 2994.**

6. **Ngosuku loviwo,** le migaqo yolawulo loviwo lo-*Music* P2 ilandelayo mayilandelwe ngokungqongqo:

6.1 I-*CD* yomculo ne-*CD player* mazivavanywe kwakhona. Olu vavanyo malwenziwe kwiyure phambi kokuba kuqale uviwo. Kucelwa uqinisekise ukuba utitshala, oya kusebenzisa i-*CD player*, uyayazi indlela esetyenziswa ngayo.

6.2 Iphepha lemibuzo linika imiyalelo ecacileyo yokuba **mazidlalwe kangaphi na ii-*tracks*** kwaye akukho kunxaxha kuya kuvunyelwa. Abaviwa abasayi kucela ukuba ii-*tracks* maziphindwe ngaphezulu kwamaxesha amiselweyo.

6.3 Bonke abaviwa mabahlale kwigumbi loviwo ngexesha elimiselwe uviwo, kungakhathaliseki nokuba balugqibe uviwo phambi kokuphela kwexesha.

6.4 Uviwo maluqhutywe phantsi kolawulo lomgadi wabaviwa.

6.5 Ukuba isikolo sifundisa ngaphezu kodidi lomculo (*stream*) olunye (I-*Indigenous African Music* (IAM), i-*Jazz* okanye i-*Western Art Music (WAM*), makulandelwe esi sikhokelo silandelayo:

- Udidi lomculo ngalunye maluhlaliswe kwindawo eyahlukeneyo yokubhalela uviwo.
- Indawo nganye mayibe nezixhobo zomculo ezifanelekileyo *(suitable sound equipment)*.
- Indawo nganye mayibe ne-*CD* yayo enezicatshulwa zomculo (*music extracts*).
- Umgadi wabaviwa makabekho kwindawo nganye.

7. Kufuneka kusetyenziswe izicwangciso zokuqulela okungekehli xa kuqhutywa uviwo apho kunokubakho iziphazamiso zokucima kombane obekucwangcisiwe nokubengacwangciswanga.

8. Kwimeko yaso nasiphi na isehlo esinokwenzeka, iziko lokubhalela iimviwo kufuneka liphumeze imigaqo efanelekileyo ukuqinisekisa ukuba bonke abaviwa bayalugqiba uviwo ngolo suku.

9. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke ootitshala bomculo nakumphathi wendawo egcina imathiriyeli yoviwo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- BJ LORISTON
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2024-11-19